



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

ISIGABA ESIPHEZULU

IBANGA LESI 9

EYENKANGA 2017

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA
OLONGEZELELWEYO P3**

AMANQAKU: 60

IXESHA: 2 iyure



* 9 X F A L 3 *

Olu viwo lunamaphepha ama-4.


IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamacandelo amaBINI.
ICANDELO A: IZINCOKO: (40)
ICANDELO B: IMIHLATHANA: (20)
2. Fundisa YONKE imibuzo kakuhle.
3. Cinga, uqiqe phambi kokuba ubhale.
4. Phendula YONKE imibuzo ngesiXhosa.
5. Sebenzisa amagama amkelekileyo olwimi ukuphendula.
6. Bhala ngokucacileyo, nangokucocekileyo.
7. Nombola imibuzo yakho kanye ngendlela ekunonjolwe ngayo

ICANDELO A: IZINCOKO**UMBUZO 1**

Khetha isincoko sibe **SINYE** kwezi zilandelayo. Bhala ngamagama angama 210–250 nawe ukubhala isincoko eso uthe wasikhetha.

- 1.1 Mhla ndaphoxwa sesona sihlobo sam sisenyongweni. Balisa ngendlela awathi wakuphoxa ngayo mhlobo wakho. [40]
- 1.2 Ukwanda kwemithetho yaseMzantsi Afrika ecinezela abazali: Xoxa unika izizathu zokuba ucinge ngolo hlobo uxhase nangezinto ezikubangela ukuba uvumelane nolu luvo. [40]
- 1.3 Ubuxelegu: Chaza ngesi sihloko uveza izinto ocinga ukuba zibubuxelegu unike neendidi zobuxelegu ukuxhasa isincoko sakho. [40]
- 1.4 Umntwana ohlelelekileyo ohlala emgaqweni edolophini. Cinga ngesi sihloko unika izimvo zakho ngalo mba, uveza nemvakalelo obanayo xa ubona lo mntwana uhlelelekileyo ecaleni kwendlela. Veza nezinto ocinga ukuba zingonobangela bokuba aba bantwana babe sezitalatweni. [40]
- 1.5 Jongisisa lo mfanekiso ungezantsi. Yila isincoko ngoko kusemfanekisweni. Nika isincoko sakho isihloko esifanelekileyo.



[Umfanekiso uthathwe kwincwadana uPost Matric 2017 Iphepha lama- 35]

[40]

AMANQAKU EWONKE ECANDELO A: 40

ICANDELO B: IMIHLATHANA

Khetha umhlathana ube **MNYE** kule ilandelayo. Bhala ngamagama ali 140–190 ngesihloko eso usikhethileyo. Ungalibali ukuyila okanye ukwenza imephu yengqondo ukuncedisana nawe ekubhaleni lo mhlathana.

UMBUZO 2

2.1 ILETA YOBUHLOBO

Ubuye kwikonsathi eKapa uye kubukela imvumi eyaziwayo uJustin Bieber. Bhalela umhlobo wakho umbalisele ngale konsathi yale mvumi ithandwa gqitha lulutsha lwase Mzantsi Afrika.

[20]

2.2 INGXELO

Ungumphathi wabafundi esikolweni sakho. Uceliwe ukuba uye kwiNkomfa yabafundi bezifundo zeNzululwazi ebibanjelwe kwiYunivesithi yaseBhayi iNMMU. Bhala ingxelo ngokuthe kwaxoxwa apho eNkomfeni ungashiyi nto bazine bonelisekile.

[20]

2.3 INGXOXO YABABINI

Jongisia lo mfanekiso ungezantsi wandule ukuyila okanye ukuqamba ingxoxo ephakathi kweso sibini sisemfanekisweni.



[20]

AMANQAKU ECANDELO B: 20
AMANQAKU EWONKE: 60